**VAKALISA IZIMVO ZAKHO**

**ISIMEMO SOLUNTU SOKUTHATHA INXAXHEBA KWINDIBANO YEPALAMENTE EMALUNGA NOBUNDLOBONGELA OBUNXULUMENE NAMAQELA EMIGULUKUDU**

IKomiti yeMicimbi yeSebe laMapolisa imema uluntu oluchaphazelekayo, abemi, amaxhoba olwaphulomthetho, imibutho yoluntu, amaziko ezenkolo, imibutho yolutsha, abaphandi, imibutho yoluntu, amashishini, kunye nabo bonke abachaphazelekayo abanomdla ukuba bathathe inxaxheba kwiNgqungquthela yoBundlobongela obunxulumene namaQela ePalamente, eyinxalenye yoPhando lwePalamente malunga noBundlobongela obunxulumene namaQela emigulukudu.

Le Ngqungquthela iza kubonelela ngeqonga elibalulekileyo kubantu abachaphazelekayo kunye noluntu ukuba bathethe ngqo nePalamente ngohlobo, izizathu, impembelelo kunye nemiphumo yobundlobongela obunxulumene namaqela emigulukudu kunye nemisebenzi yolwaphulomthetho olucwangcisiweyo. IKomiti ikhuthaza ngokukodwa abantu kunye noluntu olunamava obundlobongela bamaqela emigulukudu ukuba bathathe inxaxheba kwaye babelane ngamava abo, iinkxalabo kunye nezindululo ezijolise ekuphuculeni ukhuseleko loluntu kunye nokuqinisa impendulo yoMbuso kubundlobongela obunxulumene namaqela emigulukudu.

IKomiti imema amagalelo neengxoxo ngemicimbi equka, kodwa engaphelelanga kwezi zilandelayo:

a) Imbangela kunye nezizathu zobundlobongela obunxulumene namaqela emigulukudu kunye nemisebenzi yolwaphulomthetho olucwangcisiweyo;
b) Impembelelo yobundlobongela obunxulumene namaqela emigulukudu kuluntu, kwiintsapho, ezikolweni, kumashishini, kwiinkonzo zezempilo, nakumanyano loluntu;
c) Imingeni enxulumene nokusebenza kwamapolisa, urhwaphilizo, ubuntlola bolwaphulomthetho, uphando, ukutshutshiswa, kunye neempendulo ezibanzi zobulungisa kulwaphulomthetho;
d) Amanyathelo okhuseleko loluntu, iinkqubo zokuthintela ubundlobongela, kunye nentsebenziswano phakathi koluntu kunye noMbuso;
e) Ifuthe lemigulukudu ebantwaneni, kulutsha, kwabasetyhini, nakwamanye amalungu oluntu asemngciphekweni; kwaye
f) Utshintsho lwemithetho, lwemigaqonkqubo, lweziko okanye lwemisebenzi olufunekayo ukuze kuqiniswe uthintelo lolwaphulomthetho, ukhuseleko loluntu, kunye

nendlela uMbuso osabela ngayo kubundlobongela obunxulumene namaqela emigulukudu.

**Iinkcukacha zeNgqungquthela**
**Umhla: 19 kweyeThupha 2026**
**Ixesha: 09:30 – 17:00**
**Indawo: ePalamente, eKapa**

Abantu kunye nemibutho enomdla bayakhuthazwa ukuba babonise injongo yabo yokuya kwaye, apho kunokwenzeka, bangenise naluphi na ulwazi olufanelekileyo, izimvo ezibhaliweyo, okanye imiba abanqwenela ukuyiphakamisa ngaphambi okanye ngexesha leNgqungquthela. Nangona kunjalo, ubhaliso lwangaphambili okanye iziphakamiso ezibhaliweyo akuyomfuneko ukuze umntu athathe inxaxheba.

Abathathi-nxaxheba abazimase le Ngqungquthela kuya kufuneka babhalise xa befika ePalamente.

Iinkqubo zeNgqungquthela ziya kuvuleleka kuluntu nakumajelo eendaba, phantsi kwemithetho yepalamente, umthamo wendawo, iingqwalasela zokhuseleko, kunye neemfuno zokusebenza.

Iinkqubo zeNgqungquthela, kunye nazo naziphi na izimvo ezifunyenweyo ngomlomo okanye ezibhaliweyo, zinokurekhodwa kwaye zibhalwe phantsi ngeenjongo zokongamela ipalamente, ukunika ingxelo, kunye nokwazisa uphando lweKomiti, iziphumo kunye neengcebiso.

Iziphakamiso kufuneka zifunyanwe ingadlulanga intsimbi yesine ngoLwesihlanu, umhla wesi-7 kweyeThupha 2026 (umhla wokuvala). Nceda ubonise umdla wakho wokwenza intetho ngomlomo kwiKomiti

Imibuzo ingathunyelwa kuNks B Mbengo kule nombolo yeselula 0837098489. Iziphakamiso zingathunyelwa nge-imeyile kule dilesi *gangviolenceinquiry@parliament.gov.za* okanye tyelela iwebhusayithi yasepalamenete ethi *www.parliament.gov.za* .

**Ikhutshwe ngoHloniphekileyo uMnu I Cameron, iLungu lePalamente**
**USihlalo: weKomiti yeMicimbi yeSebe lezaMapolisa**